## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

Imigaqo yokuMakisha uvavanyo lokuqonda.

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukunika isohlwayo. Kanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI noNDIYAVUMELANA/ ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu: YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANISO / LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/lingqanyaniswe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini – amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE / OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Yimpumelelo. √ (1)

1.1.2 ... imigudu. √ (1)

1.1.3 ... umonde √/ ukuzingisa/√ ukuzila. √

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

1.1.4 B / √ ukugqwesa/ √ B / Ukugqwesa √

[Nayiphi kwezi] (1)

1.1.5 Wayefumana inkxaso kwinkosikazi kunye nakubahlobo bakhe. √√ (2)

1.1.6 Wokubamba. √ (1)

1.1.7 Umntu onemfundo imvulela iingcango zivaliwe √ umntu onemfundo uyahlonipheka eluntwini. √ (2)

1.1.8 Uye waphumelela isidanga seHonours zeB.Com. √√ (2)

1.1.9 ... wanyuselwa kwinqanaba elingentla emsebenzini wakhe. √√/ uxhamle kwisikhundla esiphezulu esodlula abaMhlophe √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

1.1.10 uLuwanika uye wanconywa ngokukodwa ngendlela awuphethe ngayo umsebenzi wakhe √√ / Uye wasuswa esikhundleni sakhe kuba kusithiwa umntu ontsundu akanakuphatha abamhlophe. √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

1.1.11 "Abanye abasebenzi abaNtsundu bakhe bavungama yile meko kodwa bavalwe imilomo ngelithi banyola umbuso." √√ (2)

1.1.12 Umbhali ugxininisa ukungavumeleki komntu omnyama ukuphatha/ukukhokela umntu omhlophe. √√ (2)

1.1.13 Yokuba uLuwanika yindoda eNtsundu ekrelekrele. √√ (2)

1.1.14 Uphumelele kuba uLuwanika uye wasigcina isidima semfundo yakhe kwaye akabuyiselanga inkohlakalo wenze ubuntu zaxhamla iintshaba zakhe kwimizamo yakhe. √√

**OKANYE**

Akaphumelelanga kuba ayimenzelanga nto ekugqibeleni into yokufunda kwakhe kwaye ayikholeleki ingcamango ethi zonke iintshaba zakhe wazinika isoka engazibuzanga zilandu / imeko ebuntsomirha engakholelekiyo. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 **ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2.1 Umgca wokuqala ubonisa abantu ababini abasemgceni nomnye obhabha emoyeni ze kulo wesibini lomntu esemgceni. √√ (2)

1.2.2 Bonwabile √ kuba bayancedisana √/ ubuso babo bukhululekile √. (2)

1.2.3 Kutyhilwa ukubaluleka kokuxhasana √√/ ukusebenzisana √√/ ukuncedana. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

**Ulwabiwo-manqaku:**

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezi-7 (inqaku elinye ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi
- Amanqaku ewonke: ali-10

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo:**

- 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**

- 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 4–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku eli-1
- 2–3 amanqakuacatshulwe ngqo: Makanikwe amanqaku-2

**Ubalo-magama:**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Xa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphele kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

| Iingongoma ezicatshulwe njengoko zinjalo. | | Iingongoma ezinokubhalwa ngumfundi. | |
|---|---|---|---|
| 1. | Qiniseka ukuba usebenzisa idilesi yei meyile echanekileyo yalowo umbhalelayo umthumela umyalezo. | 1. | Qonda kakuhle ukuba ubhala idilesi eyiyo. |
| 2. | Usenokunyathelisa iidilesi zeimeyile zabanye abantu xa ngaba le imeyile ithunyelwa kwiqela. Le yindlela yokuzikhusela ungabonakali ushiyelela abanye abanye, ze kubekho izikhalazo zokungawufumani umyalezo. | 2. | Ungafakela nezabanye idilesi xa i-imeyile ithunyelwa kwiqela ukuqinisekisa ukuba akukho mntu ungayifumananga. |
| 3. | Bulisa ngokuchanekileyo ngokusebenzisa ulwimi olusemxholweni kulowo umthumelelayo, kuba i-imeyile indidi mbini, kukho esesikweni nengekho sesikweni. Qala kwaye ugqibezele ngezibuliso zobungcali zalowo umthumela umyalezo. | 3. | Sebenzisa isibuliso kwanesiphelo esamkelekileyo kwi-imeyile yakho. |
| 4. | Bhala cacileyo umongo/ umxholo weimeyile ukuze lowo uthunyelelweyo okanye iqela lazi kakuhle umxholo womyalezo. Umxholo ubaluleke kakhulu xa ubani ethumela umyalezo. | 4. | Bhala umxholo ngokucacileyo khonukuze ucace umyalezo. |
| 5. | Qinisekisa ukuba usebenzisa upelo oluchanekileyo, igrama, kunye neziphumlisi kuyo yonke i-imeyile ngoncedo lokukhangela upelo oluchanekileyo (*ispell check).* | 5. | Jongisisa upelo-mgama kunye neziphumlisi ngokusebenzisa ispel-tshekhi. |
| 6. | Zimisele ukuyifunda kabini nakathathu phambi kokuba uyithumele ukuhlela upelo, igrama, iziphumlisi kunye nomxholo we-imeyile. Sebenzisa ithoni yobungcali yalo umthumelela umyalezo khon'ukuze ifundeke kakuhle yamkeleke kumthunyelwa. | 6. | Fundisisisa i-imeyile kaninzi phambi kokuba uyithumele ugade nethoni ibe yeyamkelekileyo. |
| 7. | Kuphephe ukusebenzisa iikhowudi zeintanethi, emojis, kunye neefonti eziphazamisayo ezinokubonisa umfanekiso ongafanelekanga kuba zingawulahla umxholo womyalezo ngamanye amaxesha. | 7. | Sukubhala imifanekiso xa uthumela i-imeyile bhala amagama kuba ungalahleka umxholo womyalezo wakho. |
| 8. | Sebenzisa isiphelo esichanekileyo ngokuxhomekeka kulowo ubhalelwa umyalezo. Sona isiphelo sitolika ukwazana nokusondelelana nalo ubhalelwayo, siya kwahluka ngokomxholo womcimbi obhalelwayo. | 8. | Isiphelo, umxholo nokunxibelelana mazihambelane. |

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Ukumakisha iCandelo C**

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingongoma-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezi zivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezi, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

**UMBUZO 3**

**ISIBHENGEZO-NTENGISO**

3.1 Dr. Sanitiser Spray. √ (1)

3.2 Liveza ukuqhubekeka kokusebenza kwayo √√ (2)

3.3 B / Ziyaphela √ Ziyaphela √

[Nayiphi na kwezi] (1)

3.4 Ungaya kwagqirha-R √/ ungaya kwaDischem nakwaHoza √/ungatsalela umnxeba le Toll free 0800553318. √

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

3.5 ... yeyam. √ (1)

3.6 Uyagxininisa √/ uyayibethelela.√ (1)

3.7 Ilumelo oluchanekileyo kuba kukholeleka yonke into enogqirha ilungile kuba ivavanywa ngabo phambi kokuba ilungele uluntu. √√

**OKANYE**

Ilumelo olungachanekanga kuba ayizizo zonke izinto ezithengiswayo ezigqitha kuvavanyo loo gqirha. √√/ kuba apha kule ntengiso akukho siqinisekiso sokuba lo gqirha uyixilongile le mveliso. √√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] (2)

**[10]**

**UMBUZO 4**

**IKHATHUNI**

4.1 Lunika ingcinga yesenzo esingamkelekanga ekhayeni. √ (1)

4.2 Gqr. √ (1)

4.3 Yinkwenkwe yodwa evakalisa ilizwi lombulelo elithi 'Enkosi tata.' √ (1)

4.4 Kwisakhelo sesi-2 umntu ucaphukile ude akhombe, uva kakubi kanti kwisakhelo sesi-4 wonwabile waneka nezandla. √√ (2)

4.5 B. / B. Ngamachaphaza / √ Ngamachaphaza √ (1)

4.6 Kukho uphawo lomkorekisho olubonisa ukwamkeleka kwesenzo sothando sokolulela isandla unyana wakhe ekhululekile ebusweni. √√ (2)

4.7 Siphumelela kuba le nkwenkwe ithe yakuzibona ukuba imdaka njengoko ixelelwa ngumama wayo yaya kuzicoca kaloku ugqirha ngumntu ohlala ecocekile. √√

**OKANYE**

Ayiphumelelanga kuba le nkwenkwe ibihleli iza kuzicoca kakade lakufika ithuba loko. √√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.] (2)

**[10]**

**UMBUZO 5**

**IPROZI**

5.1 5.1.1 Abamelwane. √ (1)

5.1.2 … beka √ apha, mpa √ hla. (2)

5.1.3 Isibanayo √ unebango. √ (2)

5.1.4 Kwintloko yesivakalisi √√ / ... ndim. √√ (2)

5.1.5 Ukujika √ (1)

5.1.6 Ukuzalana √√ (2)

5.1.7 ... bam √ isimnini**.** √ (2)

5.1.8 B. √/ Udidi lwesithathu √ / B. Udidi lwesithathu. √

[Nayiphi na kwezi] (1)

5.1.9 Hee! √ (1)

5.2 **UMFANEKISO**

5.2.1 Impumelelo √ isentabeni. (1)

5.2.2

| Injongosenzi | Isenzi | Intloko |
|---|---|---|
| indlela √/<br><br>indlela. √ | uza kubabonisa √/<br><br>uboniswa.√ | umfana √/<br><br>umntu. √ |

[Nayiphi impendulo esekwe emfanekisweni iya kwamkeleka] (3)

5.2.3 **Um** √ fana... aba √ ntu (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**